# UMgaqonkqubo wokuFundisa-nokuFunda[1]

| | |
|---|---|
| **Uhlobo loxwebhu:** | nguMgaqonkqubo |
| **Injongo:** | Kukulawula ukumiselwa kovavanyo olusekelwe ekufundeni nasekufundeni (iTLA) kuzo zonke izifundo ezibalayo zenqanaba lesidanga sokuqala kwanezo zilandela elokuqala, kuzo zonke iindlela zokunikezelwa kwazo. |
| **Iphunyezwe:** | LiBhunga laseSU |
| **Umhla wokuphunyezwa:** | 2 kweyoMnga ka2024 |
| **Umhla wokumiselwa:** | 1 kweyoMqungu ka2025 |
| **Umhla wohlaziyo olulandelayo/ukulandelelana kwamaxesha ohlaziyo:** | Lo mgaqonkqubo kufuneka uhlaziywe kunyaka wokusebenza kwawo wesihlanu. Usenokuhlaziywa ngaphambi koko, okanye ngaphezu kwetyeli elinye ngethuba lokusebenza kwawo ukuba umnini wawo ubona kufanelekile oko. |
| **Uhlaziyo lwangaphambili:** | ISicwangcisoqhinga sokuFunda nokuFundisa (sika2002-2004)<br>UMgaqonkqubo wokuFunda nokuFundisa (ka2007)<br>UMgaqonkqubo wokuFunda nokuFundisa (ka2018) |
| **Umnini:**[2] | ISekela leNgqonyela: kwezokuFunda nokuFundisa |
| **Umqulunqi:**[3] | UMlawuli oyiNtloko: kwezokuVuselelwa kokuFunda nokuFundisa |
| **Amagama abalulekileyo:** | umgaqonkqubo; ukufundisa; ukufunda; ikharityhulam; ukuphuculwa kwesakhono sabahlohli bebonke kwindima yabo yokuvavanya ngendlela esekelwe ekufundiseni nasekufundeni; ukufundisa nokufunda okusekelwe kuphando, kunye |

[1] Lo mgaqonkqubo uphathelele kwinkqubo yokufundisa-yokufunda-yovavanyo (iTLA) eSU yaye kufuneka ufundwe ngokothungelwano noMgaqonkqubo woVavanyo waseSU (ka2021) kunye noxwebhu lwesimo ngokuphathelele kwiTLA.
[2] Umnini: I(i)Ntloko ze/zamaziko oxanduva apho usebenza khona lo mgaqonkqubo.
[3] Umqulunqi: Intloko yecandelo lezoLawulo elijongene nokumiselwa kwanokugcinwa kwalo mgaqonkqubo.

## 1. Intshayelelo

UMbono ka2040 weYunivesithi yaseStellenbosch (iSU) uyibeka le Yunivesithi njengenkqenkqeza phambili kwinkalo yophandonzulu eAfrika, ethatyathwa njengebandakanyo neneembono ezintsha lihlabathi, apho siqhubela phambili ngolwazi ekukhonzeni uluntu yaye sikhuthazwa yimigqaliselo ephambili yovelwano, ukuthabathela uxanduva, intlonipho, umakulinganwe kunye nogqweso.

Lo mgaqonkqubo unika amandla umbono weSU kuyo yonke imigudu yezifundo ezibalayo ekufundiseni-ekufundeni-kuvavanyo (iTLA)[4] kule Yunivesithi, kunakanwa kananjalo imeko eguquguqukayo yemfundo ephakamileyo elisebenza kuyo eli ziko.

Lo mgaqonkqubo ukhokelwa sisidingo senkqubo yeenguqu eSU (uMgaqonkqubo weNkqubo yeeNguqu yaseSU ka2023 osaqulunqwayo). Oku ke kudinga ukuthatyathwa kwenxaxheba ngabasebenzi abahlohlayo, abafundi kunye necandelo lenkxaso yabasebenzi abaziingcali ekuphuhlisweni umqondo womntu wonke wentsingiselo yokukhonzwa koluntu. Ngokombono, lo mgaqonkqubo ujolise ekufundeni. Eneneni, ujolise ekujonganeni nezifundo kwabafundi, ndawonye noxanduva lwabafundi kule nkalo, kwakunye nasekuhlaziyweni kwemfundo njengesixhobo sokubonelela ngamava aqulethe iinguqu kubafundi. Umgaqonkqubo lo uphakamisa imigqaliselo[5] njengeziphumo ezizonke zeTLA eSU, ezidinga ukumiselwa kwikharityhulam. Kwangokulinganayo, lo mgaqonkqubo ugxininisa ukubaluleka kokufundwa kweTLA ngabahlohli ngenjongo yokuxhasa ukufunda kwabafundi kwakunye nokulingana kwempumelelo.

## 2. Umiselo lwalo mgaqonkqubo

2.1 Ukumiselwa kwemigaqo yeTLA yaye izibonelelo zisebenza:
2.1.1 kubo bonke abafundi ababhalisiweyo nabayanyaniswayo;
2.1.2 kubo bonke abahlohli abasisigxina kwanabo bakwizingxungxo kwindima yabo yeTLA, kunye nabo bonke abanye abasebenzi abachaphazelekayo kwiTLA;
2.1.3 zonke izifundo ezibalayo eziyinxalenye yekharityhulam kunye nezihambiselana nekharityhulam;[6] kwanakuzo
2.1.4 zonke iindlela zokunikezelwa kwazo.

2.2 Yonke eminye imigaqonkqubo kunye nezikhokelo zeSU kwiinkalo zokufundisa, eyokufunda neyokuvavanya kufuneka zikhokelwe, ze zifundwe ngothungelwano, nalo mgaqonkqubo.

## 3. Iingcaciso

3.1 **Abahlohli kwindima yabo yeTLA:** Bonke abasebenzi baseSU ababandakanyekayo kwiTLA yenqanaba lesidanga sokuqala nasemva kwazo kwanasekukhankatheni kweli ziko.

3.2 **IKharityhulam:**
3.2.1 I*kharityhulm esesikweni* ibhekisa kwiimodyuli ezicetyiweyo nezimiselwyo, amava okufunda kunye neentshukumo zemfundo ezenza inkqubo yemfundo ethile. Idiza umxholo wesifundo esithile, iziphumo zofundo, kuquka nolwazi, izakhono kunye nemigqaliselo ekulindeleke ukuba bayizuze abafundi ekupheleni kwexesha lokufunda, kunye nezicwangcisoqhinga zeTLA ezivumela ukufunda kwabafundi kwikhono elithile kwanakuthotho lwamakhono.

3.2.2 I*kharityhulam engekho sesikweni* iqulethe ikharityhulam eyayamene nayo kwakunye nekharityhulm eyongezelelweyo. I*kharityhulam eyayameneyo* ibhekisa kwiintshukumo namava emfundo ezigqibelelisa ikharityhulam yezifundo esesikwenize iphuhlise ikharityhulam yezifundo esesikweni. I*kharityhulam eyongezelelweyo* ibhekisa kwiintshukumo ozikhethelayo zona zangaphandle kwegumbi lokufundela ezingayanyaniswanga nekharityhulam esesikweni, okanye

---

[4] Uxwebhu lwesimo seTLA: Uhlaziyo loMgaqonkqubo wokuFundisa nokuFunda weSU: Ukuqwalaselisiswa kwamabinzana neenkqubo eziphambili.
[5] Ubuqu boMthweswasidanga waseSU (isaqulunqwa).
[6] Kuquka nzonke iintlobo zezidanga zenqanaba lesidanga sokuqala nesingapha koko ezibalayo, izatifiketi kunye namanye amathuba okufunda.

ezingathanga nca ngokuphandle kwinkqubo yokufunda esesikweni.

3.3 **Imigqaliselo yabafundi**: Ezi ke ziindlela zokuziphatha ezilindelekileyo nezinqwenelekayo kwakunye neendima ezikhethwe yile Yunivesithi nethi ikhaphele inkqubo yokuphuhla kwabafundi kwihambo eya ekubeni zizifundiswa. ESU, iindlela zokuziphatha kwezifundiswa ezikhethiweyo ngummi ozibandakanyayo, ingcali entlantlo zininzi, umfundi obuzayo, umntu onenkathalo kunye nomazi wezobuchwepheshe.

3.4 **Ukufunda:** Ukufunda yinkqubo yokufumana nokwakha ulwazi, Amandla kunye nezakhono eziza ngenxa yekharityhulam esesikweni kwanaleyo ingekho sesikweni. Ukufunda kuthatyathwa njengenkqubo eyintsebenziswano, yoluntu nebandakanya incubeko yokwakhiwa kolwazi (ngokuchaseneyo nentshukumo nje yengqondo yomfundi ngamnye) eyenzeka kwimeko yokudlelana kwaneentshukumo zoluntu.

3.5 **Iindlela esekelwe ekufundeni:** Inkqubo esekelwe ekufundeni igxile ekufundeni njengentsebenziswano, apho abafundi babonwa njengabanye babavelisi bolwazi nemeko yokufundela. Kugxininiswa ekufundeni kwanasekwakhiweni kolwazi ngabahlohli kwindima yeTLA. Le ndlela yokufunda iquka nokugxila ebomini ngokobude babo (kubomi bomntu njengomfundi eyunivesithi nangaphandle), ebomini ngokobubanzi babo (ikharityhulam, ezayamene nekharityhulam kunye nekharityhulam eyongezelelweyo) ebomini ngokobunzulu babo (ngokomgangatho wamava). Ngapha koko, iSU, njengqumrhu lokufunda, iphakamisa ukuphuhliswa kwabasebenzi abangabahlohli ngenjongo yokubaxhoisa kwindima yabo yeTLA.

3.6 **Ukukhankatha kwezophando:** Ukukhankatha kwezophando luhlobo lokufundisa olunobuzaza noluneenkalo ezininzi. Kudinga ukuba ikhankatha libe nesakhono esihle kwezophando ukuze akhulise ulwazi, isakho kwanokuzimela njengabaphandi abazimeleyo kwabafundi bakhe njengabaphandi. Kubandakanya ubudlelane obusekelwe kwinkxaso bekhankatha nomfundi, apho ikhankatha likhokela khona, lixhobise, liqeqeshe, licebise ze lifundise abafundi balo ngezophando kwanezakhono ezisondeleyo kuzo.

3.7 **Ukuba ngumphandi**: Ukuba ngumphandi kuqwalaselwa njengokuthungelanisa ukusebenza nethiyori, yaye uqulethe iinkalo zokufumanisa, ukuhlanganyela, ukusebenzisa nokufundisa.

3.8 **Uxanduva lomfundi:** Kwindlela esekelwe ekufundeni, abafundi bathabathela kubo uxanduva lokufunda kwabo yaye bayazibandakanya, njengoko konke ukufunda kudinga ukuba bazinikele ngexesha namandla abo. Abafundi bazibonela ngokwabo imisantsa enokuvela ze bathathele kubo uxanduva bakho lokuqulunqwa kwezicwangcisoqhinga zokuvingcwa kwale misantsa.

3.9 **Impumelelo yabafundi**: Impumelelo yabafundi ibonakala ngokukonke jengenxalenye yehambo apho abafundi bakhokelwa ze baxhaswe ngamava abafundi ahamba neenguqu, ukususela, ekuqaleni kwabo ukuthethisana nale Yunivesithi besengaphandle, de bathweswe izidanga ze bamkele nendima yabo njengamalungu eembumba zabo babesa kuba ngabafundi balapha.

3.10 **Ukufundisa:** Ukufundisa kukukhokela inkqubo yokwakhiwa kolwazi ngokuthi kuyilwe ze kunikezelwe ngamathuba afanelekileyo okufunda. Oku kuvumela abafundi ukuba baluqonde, balusebenzise ze babancedise ekulwakheni ulwazi kwimeko yokufundela edlamkileyo nevumela ukubonisana.

3.11 **Inkqubo yeeNguqu**: KwiTLA, inkqubo yeenguqu isekelwe kumandla emfundo okuphelisa ukungani kuluntu. Oku kwenziwa ngokuthi kuhlaziywe ikharityhulam ngendlela eqiqileyo ngokolwazi eluthathela phezulu, ukugoqagoqa, ze kudizwe bhe ezona mpawu zoluntu busekelwe kuzo ubudlelane obuphakathi kwabafundi nabahlohli kwiinkqubo zeTLA.Idinga ukuba kuthathelwe ingqalelo uyilo olululo kwindlela ezinikezelwa ngayo kwakunye nokusetyenziswa kwezixhobo zobuchwepheshe.

**3.12 Amava abafundi asekelwe kwinkqubo yeenguqu:** Amava abafundi asekelwe kwinkqubo yeenguqu

abhekisa kumathuba anikezelwa yile Yunivesithi kubafundi ukuze bazigocagoce bona ngokwabo, uluntu abaphila nabo kwakunye namakhono abo ezifundo kwanawentsebenzo. Kucingeleka ukuba ngenxa yezifundo ezisesikweni eziqulunqwe njengeenkqubo nezikwinqanaba eliphezulu kunye naloo mathuba ekharityhulam ayame kwezo zisesikweni kwanakwezo zekharityhulam eyongezelelweyo kuya kuphekwa kuveliswe abantu abakumaqela abalingani kwanabemi abaphila kuluntu olusekelwe kwinkqubo yolawulo ngokwentando yesininzi. Kwimeko esesikweni yezifundo, amathuba eTLA asebenza njengesivuselei seenguqu zempucuko ezinjongo ikukulungelelanisa abo sebenezidanga nomsebenzi wokukhokela ze bagqwese kwihlabathi elineentlanga ngeentlanga nelivulela impumelelo yabo. Kumava abafundi asekelwe kwinkqubo yenguqu, abafundi bazibandakanya ngokuzinikela ekufundeni kwabo, bekhuthawa ukuba babuze imibuzo ngeenkolelo, ze bazicelwe umngeni ngazo ukuze bacinge ngengqiqo. Bafuthelana nezimvo eziphangaleleyo, amava kunye neembono ezinjongo ikukumisela ukuchubeka kwakunye novelwano.

**4. Injongo yalo mgaqonkqubo**

Kukulawula ukumiselwa kweTLA esekelwe ekufundeni kuzo zonke izifundo ezibalayo zenqanaba lesidanga sokuqala kwanezilandelayo, kwanangazo zonke iindlela zokunikezelwa kwazo.

**5. Umnqweno walo mgaqonkqubo**

5.1 Kukukhokela kwinkqubo yokwenziwa kwezigqibo eziphathelele kwiTLA kuzo zonke iifakhalthi ngenjongo yokuxhaswa kwenkqubo yokumiselwa kombono, imigqaliselo kwakunye neSicwangcisoqhinga sokuFundisa nokuFunda seSU (sika2017–2021, esisephantsi kohlaziyo).

5.2 Kukunika amandla ubudlelane obuluqilima nobuhle obuphakathi kweTLA kuzo zonke izifundo ezibalayo zeSU.

5.3 Kukuvuselela isakhono sequmrhu ngenjongo yokujongana nemineni yeTLA, kuquka uhlolo kunye novavanto lweziphumo zeTLA.

5.4 Kukufaka igalelo ekuphuhlisweni kweekharityhula ezimiselwe injongo nezisekelwe kubuni beSU njengeyunivesithi emadla kwezophando.

5.5 Kukuphakamisa ukuqhuba nokufunda kwanokuqeqeshwa kwabahlohli njengabasebenzi abaqiqayo kwanabaphambi abazinikeleyo kwindima yabo yeTLA, kwanokukhuthaza ukuphuhliswa kwesakhono njengabaphandi ekufundiseni nasekufundeni.

5.6 Kukuvuselela impumelelo yabafundi ngokuthi kugxilwe ekufundeni kwabafundi, ukugcinakala okwandileyo kwakunye namazinga ezinto abazifundayo njengenxalenye yokuguqulwa kweenkqubo zeTLA.

5.7 Kukucacisa ngeendima noxanduva lwawo onke amahlakani akwiTLA.

**6. PImigaqo esisiseko umgangatho weTLA eSU**

6.1 Ukufundisa, ukufunda kunye nokuvavanya zibonakala njengezizimeleyo kodwa ziinkalo ezithungelanayo zenkqubo enye yezophando eyinxalenye yazo zonke izifundo ezibalayo zaseSU.

6.2 Ukuthunelana kwabafundi kwakunye noxanduva lwabo ngokufunda kwabo kuyinxalenye ebalulekileyo yendlela yokufundia esekelwe ekufundiseni yeTLA.

6.3 Zonke izifundo ezikwiinkqubo zaseSU zinegalelo kumava okufunda asekelwe kwinkqubo yeenguqu ejolise ekukhuleni kwabafundi ngokubanzi ngokuthi kuhlanganyelwe imigqaliselo yezifundiswa zale Yunivesithi.

6.4 Ukufundisa, ukufunda kunye novavanyo ziintshukumo zeengcali ezidinga ukufunda[7] kwabahlohli kube kuxhotyiselwe indima yabo yeTLA, yaye baxhaswa apho ziziphumo zophando ekufundiseni, ekufundeni nasekuvavanyeni.

6.5 Le Yunivesithi inoxanduva lokunikezela ngamathuba alinganayo kubo bonke abafundi ukuze bagqibe izifundo zabo ze bazuze neziphumo zezifundo ezidingekayo.

6.6 Zonke iikharityhulam zezifundo zenqanaba lesidanga sokuqala zifaka abafundi kwizakhono ezidingekayo zophando kwakunye nolwazi oluphangaleleyo ngamakhono abawalandelayo.

6.7 Apho kukwazekayo, zonke izifundo ezibalayo eSU kufuneka zifumaneka nakumaqonga ezobuchwepheshe ze zinikezelwe njongentlaninge esusela ekunikezelweni ubuso ngobuso ukuya kwentlantlombini kubo bonke abafundi.

## 7. Iminikelo yalo mgaqonkqubo

Izibonelelo zalo mgaqonkqubo zichaza iintshukumo ezidingekayo ukuze kuzuzeke imigaqo yeTLA esemgangathweni kunye neenkqubo zezifundo eSU. Ezi nkalo zintlanu zithungelanayo ziyacazululwa:

7.1 Ukukhokelwa kwenkqubo yokufunda ngokwamathuba afanelekileyo Etla nalungele imeko kunye neendlela ezibandakanyayo ezisekelwe kuphando
7.2 Ukusoloko kuhlaziywa izifundo, kuquka iiinkqubo, uhlolo, uyilo kunye neemvavanyo zeemodyuli
7.3 TUkugxila kwezophando ngokufundisa nokufunda (iSoTL), kunye novavaanyo
7.4 Ukuphuculwa kwabahlohli kwindima yabo yeTLA
7.5 Iziseko zophuhliso zeTLA kunye nezixhobo zobuchwepheshe

Lo mgaqonkqubo ubonelela ngezo nkalo zithungelanayo ngezi ndlela zilandelayo, ngokuxhomekeke ekufikelelekeni kwezibonelelo eziyimali neziluluntu eziphuma ngaphakathi kwanezo zisuka ngaphandle kweSU:

### 7.1 Ukukhokelwa kokufunda ngokuthi kunikezelwa ngamathuba adingekayo nafanele imeko eTLA kwakunye neendlela ezibandakanyayo nezisekelwe kuphando

7.1.1 ISU iphakamia indlela yeTLA esekelwe ekufundeni kubasebenzi nakubafundi.
7.1.2 ITLA lilinge ekwabelwanayo ngalo phakathi kwabafundi, abahlohli, abasebenzi kunye nabalawuli becandelo lokuxhotyiswa kwabahlohli.
7.1.3 ITLA yenzeka kwiindawo ezisesikweni kwanakwezo zingekho sesikweni.
7.1.4 Zikhho iindlela ezahlukeneyo zokuzinikezelwa[8] kweTLA.
7.1.5 Amathuba eTLA ayabandakanya yaye asekelwe kwiinguqu zempucuko.
7.1.6 Kwiziko ngokubanzi, kukho uxanduva ekwabelwana ngalo lokuthabathela ingqalelo impumelelo yabafundi egqibeleleyo, kwakunye nophuhliso lwabafundi ngokubanzi kuwo onke amanqanaba kwanakwijharityhulam esesikweni kwanaleyo ingekho sesikweni.
7.1.7 Amathuba eTLA axhasa uphuhliso lwemigqaliselo yabo bonke abafundi abanezidanga.
7.1.8 Abahlohli ngabo abayila amathuba Etla ayimpendulo kwiimeko ezichaphazelekayo zeengingqi, zesizwe kwanenqanaba lamazwe ngamazwe.

### 7.2 Ukuhlala kuhlaziywa abahlohli, kuquka ukuhlolwa kweenkqubo neemodyuli, ukuyilwa ngokutsha kwanokuhlalutywa

7.2.1 Ekunikeni amandla izikhokelo ezinikezelwa yimithetho yesizwe kwinkalo yemfundo ephakamileyo, ndawonye nemigaqonkqubo kunye nezidingo zeBhunga leMfundo ePhakamileyo (iCHE), imibutho

[7] Ukufunda kweengcali kuchazwa “njengesidingo sokuze iingcali ziqhubeke nokufunda njengoko zisebenza zikwaqhubela phambili namakhono azo”. (Johnston, S. 1998. Amanina nophuhliso lweengcali kwicandelo lemfundo ephakamileyo: Uphando oljuphakamisa ukuqonda. *IJenali yaMazwe ngaMazwe yoPhuhliso lwaBahlohli* 3(1): 64–71)
[8] Ubume beendlela zokufundisa kwiYunivesithi yaseStellenbosch.

yeengcali kunye neSU, iinkqubo kunye neemodyuli ezikhoyo ziyahlaziywa, ziyilwe ngokutsha njengenxalenye yentlaninge yendibanisela yokuqnisekiswa komgangatho kunye novuselelo.

7.2.2 Iinkqubo zezifundo kunye neemodyuli zihlala zihlaziyelwa ukulungela injongo, xa kuqwalaselwa inkalo yokususwa kobukoloiyali, iinkqubo zolwazi zesintu ndawonye nemo yengqiqo ebandakanya iilwimi ezininzi nebandakanya iinkcubeko ezininzi, ngelixa kukwaqaqanjiswa nemigqaliselo yezifundiswa zaseSU ngenjongo yokulungelelanisa abafundi abafundi ukuze babe nokugqwesa kwibakala lengingqi, elelizwe kwanelehlabathi.

7.2.3 Iindima kunye noxanduva zamahlakani ohlukeneyo, afana noosihlalo beenkqubo, iinkokheli zeenkqubo, iintloko zamasebe, abahlohli kwindima yabo yeTLA, njalo-njalo, bachazwa ze ngokuchanekileyo babekwe kwiifakhalthi ngenjongo yokuphakamisa uvuselelo lomgangatho kunye nophuculo lweenkqubo zeTLA kwimeko ephangaleleyo yokuhlaziywa kwekharityhulam eSU.

7.2.4 DNgethuba lokucwangciswa kweenkqubo, iimodyuli kunye nezifundo ezifutshane kwinqanaba lesidanga sokuqala kwanelilandela elo kwanakwimeko yekharityhum esesikweni kunye nengekho sesikweni, abahlohli kwindima yabo yeTLA banika ingqwalasela izidingo zemfundo ezahlukeneyo zabafundi kunye nomakulinganwe kwimpumelelo yabo bonke.

7.2.5 ISU inikezela ngeenkqubo ezihlanganyelweyo zokuhlala kuhlolwa yaye kuvavanywa konke ukufunda nempumelelo yabafundi, ingakumbi abo basemngciphekweni omkhulu.[9]

## 7.3 Umsebenzi wophando kwinqanaba eliphezulu ngokufundisa nokufunda (iSoTL), kwanowovavanya

7.3.1 Onke amahlakani akule Yunivesithi aziqhelanisa nezizathu, kunye neziphumo ezibambekayo, zokuzinikela kweSU kwindlela esekelwe ekufundeni yeTLA.

7.3.2 Abahlohli abakwangabaphandi bohlukile kwabanye abangabaqiqi ngenxa yendima yabo kwiTLA ngokuthi bangene nzulu kwiSoTL ngombono wokuphana ze ekuhambeni kwexesha bapapashe ngenkqubo yabbo yeTLA.

## 7.4 Ukuphuculwa[10] kwabahlohli kwindima yabo yeTLA

7.4.1 Akho amathuba oneleyo, afanelekileyo ukuze zibe nokufunda ngokufanelekileyo iingcali ngenjongo yokuzixhobisela indima yazo yeTLA kuzo zonke iikhampasi kwakunye neendlela zokunikezela.

7.4.2 Abahlohli kulindelekile yaye axhaswa ngenjongo yokuba awasebenzise la mathuba, yaye ezo zivumelwano ziyinxalenye yezicwangciso zophuhliso lwabo njengeengcali (iiPDP) kwizivumelwano zabo zokusebenza ndawonye nangokwesimo sabo sobungqina beTLA.

7.4.3 Umsebenzi wophando ekufundiseni nasekufundeni, kwanowovavanyo, kwakunye nommbumbutho wolwazi osisiseko sawo, usisikhokelo sokuxhotyiswa ngoqeqesho kwabahlohli kwindima yabo yeTLA.

7.4.4 Ngethuba lohlolwa kweTLA, etsala iindlela ezifanelekileyo zokuqinisekiswa komgangatho (ezithungelana neeMbasa zaseSU zoMhlohli ngaMnye), kusengasetyenziswa intlaninge yemithombo[11] yolwazi efanelekileyo.

## 7.5 Iziseko zophuhliso ezifanelekileyo kunye nobuchwepheshe beTLA

ISU iyayiqonda indaba yokuba ukufunda kwenzeka kwiindawo ezisesikweni kwanakwezo zingekho sesikweni. ISU imisela ze igcine iindawo ezibonakalayo nezizezobuchwepheshe zokufundela ezixhasa nezikhuthaza indlela yeTLA esekelwe ekufundeni kubo bonke abafundi nabasebenzi.

7.5.1 Academics in their TLA role as well as students have access to multifunctional and well-maintained TLA spaces, technologies and infrastructure to accommodate a variety of TLA

---

[9] Abafundi abasemngciphekweni ngokwezifundo ngenxa yemiba abangenakuyilawula.

[10] Njengeengcali, abahlohli 'baziingcali ngokuphindwe kabini' (Viskovic, A.R. 2009. Uphando loncwadi oluchaphazela uphuhliso kunye nezidanga zootitshala bemfundo ephakamileyo. IiZiko leSizwe loGqweso ekuFundiseni kwiMfundo ePhakamileyo. Yingxelo yophando lwePhD engapapashwanga. Whitireia Community Polytechnic, eNew Zealand), njengoko kufuneka besebezne kwimisebezi yamakhono abo kwanakwimeko yemfundo (Frick, L. & Kapp, C. 2009. UPhuhliso lokuXhotyiswa kwaBahlohli: Ekuzungezeni ezoPhando, kuE. Bitzer (ed.). *IMfundo ePhakamileyo eMzantsi Afrika: INgqwalasela esekelwe kuPhando ngeMvs*. IStellenbosch: SUN MeDIA).

[11] Ezifana neembono kunye neesaveyi zabafundi, ukukhangelwa kwezifundiswa kunye nezimvo zealumnayi, ukuhlolwa kwamaphepha ngoogxa kwakunye neemvavanyo zangaphandle, amaxwebhu ekharityhulam, iinkcukacha ezingentsebenzo yabafundi, izifundo ezingokuthelekisa, ukubonisana namahlakani, iinkcukacha ezingemali, kunye neengxelo ezingokuba sesikweni.

configurations and students' special needs.

7.5.2 Kwindima yabo yeTLA abahlohli nabafundi banenyhweba yokufikelela kwinkxaso eqhubayo ukuze bathi ngendlela esebenzayo nethabathela kubo uxanduva basebenzise izixhobo zokufunda kunye nezixhobo zobukrelekrele obubunjiweyo (i-AI) kwiinkqubo zeTLA.

7.5.3 ISU iqaqambisa uphuhliso neembono ezintsha ezisekelwe kubungqina, nezijonge kwikamva ekusetyenzisweni kwezixhobo kunye neenkqubo zokufunda zeTLA.

**8. Iindima noxanduva oluphathelele kwiTLA eSU**

Lo mgaqonkqubo usekelwe kumqondo wokuba iTLA ngumgudu ekwabelwana ngawo onoxanduva ekwabelwana ngalo phakathi kwawo onke amahlakani eli qumrhu, kuquka nabasebenzi bezokufundisa, abafundi, amacandelo enkonzo yenkxaso kubahlohli (iPASS) kunye namaqumrhu olawulo.

**8.1** kwindima yakhe yeTLA, umhlohli uyingcali yolwazi eyila amathuba avulela bonke abafundi ukuze bafikelele kulwazi lwekhono labo.[12] Le ndima iquka, phakathi kwezinye:

8.1.1 ukuqwalaselwa kweendlela ezifanelekileyo ezisekelwe kuphando nezithungelana nendlela yeli ziko kwiTLA kwimeko yeentshukumo zabahlohli kwakunye namakhono ezifundo,

8.1.2 ukwaziswa kwabo bonke abafundi ngomgaqonkqubo iT-L waseSU kwakunye nendlela esekelwe ekufundeni yeTLA, ndawonye nendlela yeTLA yeemodyuli zabo,

8.1.3 ukuququzelelwa kwemeko yeTLA ngenjongo yokudala amathuba awoneleyo nawangabom ekwakhiweni kolwazi, uvavanyo olugxilileyo kubo bonke abafundi,

8.1.4 ukwaziswa kwabo bonke abafundi ngothotho lwamalinge ophuhliso lwabahlohli kwakuye nawenkxaso yezokufunda afikelelekayo kule Yunivesithi,

8.1.5 cukudalwa kwemeko ekulungeleyo ukuba abafundi bathabathele kubo uxanduva ngokufunda kwakunye nempumelelo yabo,

8.1.6 cukudalwa ubudlelane beTLA obukhathalayo nobusekelwe kuvelwano beTLA obuvulela amava ayame kwiinkqub zeenguqu zeTLA, kunye

8.1.7 nokuqokelela kunye nokusabela kwizimvo ezingeTLA kwangethuba rhoqo futhi, ngenjongo yokuvuselela ukufunda kwabo bonke abafundi kukhokele uphuhliso lokuxhotyiswa kwabahlohli kwindima yabo yeTLA.

**8.2** *Abafundi* bayalwamkela uxanduva lokufunda kwabo yaye basebenzisana ngokuzithandela ekuphuhlisweni kwezakhono zabo zengqiqo. Olu xanduva luquka, phakathi kwezinye:

8.2.1 ukuziqhelanisa neemodyuli ndawonye nendlela yaseSU yeTLA esekelwe ekufundeni,

8.2.2 tukuthatyathwa koxanduva lokufunda indlela yokuba ngumthabathinxaxheba onempumelelo kwiinkqubo zolwazi zekhono labo lezifundo, kwanokuziqhelanisa nokusetyenziswa kwezixhobo zobuchwepheshe ezichaphazelekayo,

8.2.3 ukusebenzisa kwanokuthabatha inxaxheba kumathuba eTLA afikelelekayo, amalinge ophuhliso nawenkxaso kubahlohli bale Yunivesithi, kunye

8.2.4 ukunikezelwa kweembono ezigqibeleleyo nezakhayo ngeemodyuli, iinkqubo kwanangabahlohli ngenjongo yokuphucula ukufunda kwabo, ukuxhotyiswa kwabahlohli ngezakhono kusenzelwa indima yabo yeTLA, kwanokuvuselelwa kwemodyuli, xa sikho isicelo soko (nokuba kungenxa yeemviwo zenqanaba elilula okanye elingentla na).

**8.3** Indima *yabalawuli beSU* kukunikezela ngezibonelelo kunye nesikhokelo sesicwangcisoqhinga ekuxhasweni kmsebenzi weTLA. Le ndima iquka, phakathi kwezinye:

8.3.1 ukunikezelwa kwamalinge emigaqonkqubo nezicwangisoqhinga ezichaphazelekayo,

8.3.2 ukudalwa kwemeko evumayo apho iTLA esemgangathweni ingavuseleleka igqwese,

8.3.3 ukuphakanyiswa kwesakhono sabasebenzi nabafudi ngendlela esekelwe ekukhathaleni,

8.3.4 ukuxhaswa nokukhuthazwa kweTLA esekelwe ekufundeni,

8.3.5 ukunikezelwa kwamathuba okuxhotyiswa kwabahlohli ngezakhono kusenzelwa indima yabo yeTLA, kwakunye

8.3.6 nokunikezela, ukugcina nokuphucula amaziko afanelekileyo nalungele imeko yeTLA.

---

[12] Oku kuthetha ukuba abahlohli kufuneka babe ziingcali zolwazi kumakhono nakwizifundo abazifundisayo, futhi ke njengesona siphantsi Isidingo, babe ngabantu abakwaziyo ukuqiqa kwiTLA yabo.

## 9. Ulawulo lwalo mgaqonkqubo

### 9.1 Iindima

**9.1.1 Umnini wolu xwebhu lomgaqonkqubo liSekela leNgqonyela: nokuFunda nokuFundisa, elindima yalo:**

a) ikukuba liliso kuphuhliso lwalo mgaqonkqubo,
b) ikukuqinisekisa ukuba kuqulunqwa amawebhu adingekayo,
c) ikukuqashwa umqulunqi walo mgaqonkqubo,
d) ikukuqinisekisa ukuba umqulunqi usebenza ngendlela eyiyo, yaye
e) aqashe iqela eliza kusebenza ekuhlaziyweni kwalo mgaqonkqubo ngamaxesha afanelekileyo, ngokwesidingo.

**9.1.2 Umqulunqi wolu xwebhu lomgaqonkqubo nguMlawuli oyiNtloko: kwiCandelo lokuVuselelwa kokuFundisa nokuFunda, onoxanduva:**

a) lokuqulunqa, lokuphumeza, lokuhlaziya, lonxibelelwano, lokukhulula kwanolokuhlolwa kwenkqubo yokumiselwa kolu xwebhu lomgaqonkqubo,
b) ukutolikwa kwanesikhokelo esiphathelele ukumiselwa kwalo mgaqonkqubo, ndawonye
c) nokuhlanganiswa kweqela elia kusebenza ngokuthi lihlaziye lo mgaqonkqubo ngamaxesha afanelekileyo, ngokwesidingo.

### 9.2 Umiselo

UMgaqonkqubo wokuFundisa-nokuFunda ulawula ukumiselwa kweTLA esekelwe ekufundeni kuzo zonke izifundo ezibalayo, kwinqanaba lesidanga sokuqala kwanangentla, kwanakuzo zonke iindlela zokuzinikezela. Kule meko, iSU iqulunqa ze iihlale ihlaziya iSicwangcisoqhinga sayo sokuFundisa nokuFunda.

Ukumiselwa kwalo mgaqonkqubo nesicwangcisoqhinga ngokwesicwangciso sendalo engqongileyo seSekela leNgqonyela: kwezokuFunda nokuFundisa, omisela iinkalo esigxila kuzo isicwangcisoqhinga kwakunye noondoqo bentsebenzo yeTLA. Kwinqanaba lefakhalthi, ukumiselwa kwalo mgaqonkqubo kwenzeka ngokwezicwangciso ezimiselweyo zefakhalthi leyo, apho kubonakala kuyimfuneko khona.

### 9.3 Uhlolo nokunikezelwa kweengxelo

ISekela leNgqonyela: kwezokuFunda nokuFundisa lunoxanduva lokumisela iindlela ezidingekayo zolawulo ngenjongo yokuhlola kwanokunikezelwa kweengxelo ngalo mgaqonkqubo. Ngumqulunqi unoxanduva lokumisela ezi nkqubo zolawulo.
ISinethi ihlola ukumiselwa kwalo mgaqonkqubo ngokuthi inikezele ingxelo yonyaka ngeTLA, ethi inikezelwe kwiSinethi liSkela leNgqonyela: kwezokuFunda nokuFundisa.

### 9.4 Ukukhululwa

Lo mgaqonkqubo uluxwebhu lukawonkewonke, oluppashwe kwiwebhusayithi yeSU. Lo mgaqonkqubo uphunyezwe liBuhunga leSU ngentsebenziswano nazo zonke iibhodi zeefakhalthi, iSinethi, kunye neQonga leli Ziko. Umhlathi 11 no12 walo mgaqonkqubo ungathi uhlaziywe ngokuthi uhlelwe njengoko kuza kube kuvela uxwebhu lomgaqonkqubo omtsha, oluhlaziywe yiKomiti yokuFundisa, ukuFunda kunye nokuVavanya (iCTLA) ze kunikezelwe ingxelo ngoko kwiSinethi ngenjongo yokuyazisa.

### 9.5 Uhlaziyo

Lo mgaqonkqubo uhlaziywa rhoqo kwisithuba seminyaka emihlanu, okanye ngaphambi koko ukuba kuthi kubonwe kunyanzelekile oko.

## 10. Ukusonjululwa kweembambano

Iimeko zongquzuwano ngalo mgaqonkqubo ziya kusonjululwa ngokwamatyathanga aqhelekileyo abaphathi kumaqumrhu akhoyo eSU, afana nekomiti neefakhalthi zokufundisa nokufunda, iKomiti yeSinethi yokuFundisa, ukuFunda kunye noVavanyo (iCTLA), kwakunye neSinethi. Awona magunya anenyhweba yokuthabatha isigqibo sokugqibela ngalo mgaqonkqubo liBunga leSU.

## 11. Amaxwebhu ayinkxaso

| Igama loxwebhu | Isimo (umz. ifumanisekile, isasetyrnzwa okanye iphunyeziwe) |
|---|---|
| UMgaqonkqubo woVavanyo | Waphunyezwa ngeyoMsintsi ka2021 |
| UMgaqonkquno ongoKubiwa koMsebenzi (ekuXhasweni kweSidima kwezeMfundo) | Waphunyezwa ngeyeNkanga ka2016 |
| ISicwangcisoqhinga sokuFundisa nokuFunda 2017-2021 | Waphunyezwa ngeyoKwindla ka2017<br>Sisahlaziywa |
| ISicwangciso seNkqubo yeeNguqu | Sahlaziywa ngekaCanzibe ka2019<br>UMgaqonkqubo ongeeNkqubo zeeNguqu usephantsi kohlaziyo |
| UMbono ka2040 kunye neSikhokelo seSicwangcisoqhinga sika 2019-2024 | Waphunyezwa ngo2019 |

## 12. Amaxwebhu achaphazelekayo

| Igama loxwebhu | Isimo (umz. ifumanisekile, isasetyrnzwa okanye iphunyeziwe) |
|---|---|
| UMgaqonkqubo woKwamkela | Waphunyezwa ngo2017 |
| UMaqo wokuZiphatha oKhokela uBudlelane obuphakathi kweKhankatha noMfundi | Waphunyezwa<br>Iqulethwe kwiSigaba 1 seNcwadi yoNyaka yaseSU |
| Inkqubo yokuYila ukuFunda, ukuFunda kunye noVavanyo (iDeLTA) | Yaqulunqwa ngo2020 |
| UMgaqonkqubo ongoKukhubazeka | Waphunyezwa<br>ngeyoKwindla ka2018 |
| UMgaqo wokuZiphatha waBafundi beYunivesithi yaseStellenbosch | Waphunyezwa ngo2020 |
| INgqokelela yeeNtlobo zamaXwebhu oRhulumento noLawulo | Waphunyezwa ngeAugust 2022 |
| GUXwebhu olusiSikhokelo kwisakhobo sokuFunda nokuBhala ngeZifundo | Usephantsi kohlaziyo |
| IZikhokelo kooSihlalo beeKomiti zeeNkqubo kwanakwiiNkokheli zeeNkqubo | Waphunyezwa ngo2018<br>Usephantsi kohlolo |
| IZikhokelo zokuMiselwa zeeMbasa zokuFundisa kwiyYunivesithi yaseStellenbosch | Waphunyezwa  ngo2017 |
| IZikhokelo eziPhathelele kwiNkqubo yeSidnga seNkqubo yeXesha eLongezelelweyo saseSU (iEDP) | Waphunyezwa ngo2010<br>Usephantsi kohlaziyo |
| UMgaqonkqubo weeLwimi weYunivesithi yaseStellenbosch | Waphunyezwa ngeyeSilimela ka2021 |
| Isikhokelo soQeqesho kwisakhono sokuFunda nokuBhala | Waphunyezwa ngeyoMsintsi ka2014 |
| | |
| IiNdlela zokunikezela | kweyeThupha ka2022 |
| UMgaqonkqubo neSicwangcisoqhinga soLawulo neNtsebenzo | Waphunyezwa ngo2018 |
| UMgaqonkqubo ophathelele kwiZimvo zaBafundi ngeZifundo, Abahlohli kunye neeNkqubo | Waphunyezwa ngo2008<br>Usephantsi kohlaziyo |
| UMgaqonkqubo wokuQinsekiswa koMgangatho kwanoVuselelo eSU | Waphunyezwa ngeyoMsintsi ka2019 |

| | |
|---|---|
| UkuHlohlwa kweZifundo eziFutshane kwiYunivesithi yaseStellenbosch | Waphunyezwa ngo2014 |
| INkqubo yokuQashwa noKwenyuselwa kwaBahlohli | Waphunyezwa ngo2011 |
| Ukunakanwa kweeNzuzo eziHambisana neZifundo | Waphunyezwa ngeyeNkanga ka2018 |
| Ukunakanwa kweZifundo zaNtlandlolo (iRPL) kunye noKwanda kwaMatyala kwakunye neeNtlawulo (iCAT) | Waphunyezwa ngo2017<br>Usephantsi kohlaziyo |
| Izindululo zeQela eliSebenzayo ekuPhakanyisweni nasekuNakanweni kokuFundisa | Usephantsi kohlaziyo |
| Ulawulo loQulunqo lwangaPhakathi nolwangaPhandle kunye nokuHlanganiswa kweZiphumo | Waphunyezwa ngeyoMsintsi ka2024 |
| Ulawulo lweNkxaso yokuFunda yoMlingani kuMlingani | Waphunyezwa ngeyeThupha ka2020 |
| Amagunya eKomiti yokuFundisa, ukuFunda kunye noVavanyo | Waphunyezwa ngekaTshazimpuzi ka2023 |
| UPhando @ SU – intlaninge yemigaqonkqubo | Waphunyezwa<br>ngemihla eyahlukeneyo |
| Ukuqwalaselisiswa kweNkqubo yeeMbono zaBafundi: iNgxelo yeThutyana yeQela eliSebenzayo | Ingxelo yeQela eliSebenzayo (ingeAfrikaans nesiNgesi)<br>ngowama28 kwekaTshazimpuzi ka2015 |
| ISicwangciso esisekelwe kwiSicwangciso seFuthe kuLuntu sika2017-2022 | Saphunyezwa ngo2016 |
| UMgaqonkquno woPhuhliso lwaBesebenzi | Waphunyezwa ngo2016 |
| IMpilontle yaBasebenzi | Waphunyezwa ngo2012 |
| ISicwangcisoqhinga esingokuSetyenziswa kweICT ekuFundeni nasekuFundiseni kwiYunivesithi yaseStellenbosch | Uxwebhu olusisiphumo seQela eliSebenzayo, ngekaTshazimpuzi ka2013<br>Isephantsi kohlolo |